
# Iveki yoku-1

## Usuku loku-1 Ixesha lamabali: Ibali loMfanekiso omkhulu (Ekhitshini)




Jongani umfanekiso ngenyameko uze ucele umntwana wakho akuxelele akubonayo. Emva koko buza le mibuzo:

- Kwenzeka ntoni emfanekisweni?
- Jongisisa undixelele konke okubonayo.
- Bangaphi abantu/iipleyiti/iimagi/iimela neefolokhwe?
- Iipleyiti/iimagi/iimela/iifolokhwe zanele wonke umntu? Singakuqonda njani oko?
- Zizakwanela wonke umntu izitulo xa kukho undwendwe kwisidlo sasebusuku?
- Zingaphezu kwezifunekayo iipleyiti okanye iifolokhwe? Wazi njani?
- Zingaphi izinja/iikati/iiwotshi/ama-apile aluhlaza owabonayo?

## Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala

- Thetha nomntwana wakho malunga nazo zonke izidlo azithanda kakhulu.
- Mcele ukuba akhethe esona sidlo asithandayo asizobe epleyitini okanye esityeni.





## Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela

- Phindani nijonge umfanekiso omkhulu nibone ukuba zingaphi izinto ezincinane enizifumanayo. Nikanani amathuba nicelane ukuba umntu ngamnye akhangele okuthile emfanekisweni.
- Dlalani "Ndicupha imibala", umzekelo: *Ndiyacupha ngeliso lam elincinane, into ebomvu.* Nikanani amathuba okuxela izikhokelo nokuqashela impendulo.




## Usuku lwesi-4 Imidlalo

Dlalani kunye imidlalo yokugxuphuleka nokukhumbula. Khangelani amakhadi emidlalo nilandele imiyalelo.



## Usuku lwesi-5 Iimilo, oonobumba namanani


- Khangelani izangqa ezikufuphi kuni.
- Nikanani amathuba okwenza isangqa ngeminwe yenu emgangathweni, emoyeni, ezandleni zenu, kwimiqolo yenu, emlenzeni wakho, okanye edongeni.
- Sebenzisa iphepha nekhrayoni nitreyise nenze izangqa ngokujikeleza iipleyiti neekomityi.
- Fumanani ithempleyithi yesangqa ukuze nenze umsebenzi.



## IRekhodi yemisebenzi

Khumbuza umntwana wakho ukuba afake umbala enkwenkwezini akugqiba umsebenzi ngamnye.
(IRekhodi yemisebenzi ikwiphepha lokugqibela lale ncwadana.)





## Yonke imihla, khumbula:


- Ukucela umntwana wakho akuncedise usete itafile, alungelelanise inani leepleyiti, iifolokhwe, njl. nabantu abatyayo. Bala inani lento nganye ekhoyo.
- Culani iingoma zokubala nicengceleze neevesi zabantwana zokubala.
- Ncoma ukhuthaze umntwana wakho rhoqo. Yakha ukuzithemba kwakhe ngokusebenzisa amazwi afana nala: *Ndiyayithanda indlela ocinga ngayo!* OKANYE *Zama kwakhona, uphantse wayichana.*



**Umdlalo wokugxuphuleka:** Sika uze ukhuphe iikhadi uzitshofe. Qubuda izicuku zemifanekiso. Umdlali ngamnye utyhila umfanekiso ongaphezulu kwisicuku sakhe awubeke kwisicuku sesibini esiphakathini sabadlali. Xa imifanekiso emibini engaphezulu esiphakathini ifana, umdlali wokuqala uyakhwaza “Gxuphu!” afake zozibini izicuku ezityhiliweyo ngaphantsi kwesakhe. Umdlali oqokelele yonke imifanekiso uphumelele.

**Umdlalo wokukhumbula:** Injongo yomdlalo kukufumana zonke izibini zemidlalo. Tshofa imifanekiso uyiqubude ngokwemiqolo ukwenza igridi. Umdlali utyhila imifanekiso emibini. Ukuba imifanekiso iyafana (sisibini), umdlali uyayithatha. Kungenjalo, iikhadi ziyaqutyudwa kwakhona aze umdlali olandelayo afumane ithuba. Umdlalo uyaphela zakufunyanwa zonke izibini. Umdlali onemifanekiso emininzi uphumelele.







# Iveki yesi-2

## Usuku loku-1 Ixesha lamabali: Incwadi encinci (Izilwanyana zasekhaya)



Songani iincwadi ezincinci nomntwana wakho nibuke imifanekiso kunye. Nantsi eminye yemibuzo onokuyibuza phambi kokufunda iincwadi ezincinci:

- Zeziphi izilwanyana ozibonayo? Ziphi ezi zilwanyana?
- Khumbuza umntwana wakho ngamava anxulumene nemifanekiso esencwadini. Umzekelo: Usakhumbula ngokuya besiye efama?
- Zeziphi izandi ezenziwa zizilwanyana? Mamela – zikhona izilwanyana oziva phandle?

## Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala

- Khuthaza umntwana wakho azobe umfanekiso wesinye sezilwanyana esisencwadini encinci.
- Umntwana wakho makakuxelele ngomfanekiso wakhe uze ubuze ukuba ungakubhala na akutshoyo ngomfanekiso wakhe. Abanye abantwana banokufuna ukuzama "ukuzibhalela", nokuba babhala ngathi bayarhoqoza.



## Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela

- Lo ngumsebenzi othi "Qashela isisilwanyana". Qala ngezilwanyana ezisencwadini encinci (emva koko cinga ngezinye izilwanyana). Chaza okuthile ngesilwanyana – nika amacebiso, kodwa ungalixeli igama lesilwanyana.
- Umntwana makaqashele igama lesilwanyana osichazayo. Umzekelo: isilwanyana esisinika ubisi, isilwanyana esikhulukazi esinomboko, okanye isilwanyana esinentamo ende kakhulu esithanda ukutya amagqabi.



## Usuku lwesi-4 Imidlalo

Dlalani imidlalo yokugxuphuleka nokukhumbula. Jongani amakhadi emidlalo nilandele imiyalelo.



## Usuku lwesi-5 Iimilo, oonobumba namanani


- Jongani iithempleyithi zoonobumba. Cela umntwana wakho ukuba azame ukukopa imilo eneentshukumo ezinkulu okanye asebenzise umzimba wakhe.
- Angazoba unobumba ngomnwe wakhe okanye ngoluthi esantini. Unokuxhuma-xhuma egudle imilo ayizobileyo. Mxelele ngesandi sikanobumba umcele ukuba abize isandi xa ezoba unobumba.
- Yenza umsebenzi kwithempleyithi kanobumba.




## IRekhodi yemisebenzi

Khumbuza umntwana wakho afake umbala enkwenkwezini akugqiba umsebenzi ngamnye.





## Yonke imihla, khumbula:



- Balani ngokuvakalayo ukuya kwisi-5 xa nihamba okanye nibale iimoto ezi-5 okanye izinja ezi-5.
- Culani iingoma zokubala nicengceleze neevesi zabantwana zokubala.
- Thetha nomntwana wakho ngezinto enizibona kufuphi kuni. Buza: *Yintoni enye oyibonayo?*
- Mncome umkhuthaze rhoqo umntwana wakho. Yakha ukuzithemba komntwana wakho ngokusebenzisa amazwi afana nala: *Kunomdla ngenene oko!* OKANYE *Usebenze kakuhle, ndinebhongo ngawe.*


# Izilwanyana zasekhaya

Lithathwe kwiAfrican Storybook laze laguqulelwa kwisiXhosa



African Storybook.org
Wordworks

Ibanga le-R ★ Ikota yoku-I ★ Iveki yesi-2




Inkomo iyakhala ithi, "Mhu-u-u. Mhu-u-u!"






Ibhokhwe iyakha-la ithi, "Mhe-e-e-eh. Mhe-e-e-eh!"






Ihashe liyakhala lithi, "Yi-hi-hi-hi. Yihi-hi-hi!"






Ihagu iyakhala ithi, "Hho-hho-hho-i-i-ii!"







Isikhukukazi siyakhala sithi, "Keke-ke-keeee, ke-ke!"






Inja iyakhonkotha ithi, "Hawu-hawuhawu!"













Umlimi uphendula uthi, "Shhh! Nanga amanzi!"

**Umdlalo wokugxuphuleka:** Sika uze ukhuphe iikhadi uzitshofe. Qubuda izicuku zemifanekiso. Umdlali ngamnye utyhila umfanekiso ongaphezulu kwisicuku sakhe awubeke kwisicuku sesibini esiphakathini sabadlali. Xa imifanekiso emibini engaphezulu esiphakathini ifana, umdlali wokuqala uyakhwaza "Gxuphu!" afake zozibini izicuku ezityhiliweyo ngaphantsi kwesakhe. Umdlali oqokelele yonke imifanekiso uphumelele.

**Umdlalo wokukhumbula:** Injongo yomdlalo kukufumana zonke izibini zemidlalo. Tshofa imifanekiso uyiqubude ngokwemiqolo ukwenza igridi. Umdlali utyhila imifanekiso emibini. Ukuba imifanekiso iyafana (sisibini), umdlali uyayithatha. Kungenjalo, iikhadi ziyaqutyudwa kwakhona aze umdlali olandelayo afumane ithuba. Umdlalo uyaphela zakufunyanwa zonke izibini. Umdlali onemifanekiso emininzi uphumelele.







Wordworks

# Iveki yesi-3

## Usuku loku-1 Ixesha lamabali: Ibali elifundwa ngokuvakalayo (Nganye nganye)

Fundela umntwana wakho ibali. Khumbula ukujonga izikhokelo kwipowusta. Emva kokufunda ibali, yonwabela ukubuza le mibuzo:

- Zingaphi iingonyama ezisebalini? Ungayakhela indlu yephepha ingonyama yenene?
- Indlulamthi inemisila emingaphi? Ngubani onokuba nendlu ende?
- Ucinga ukuba ingwenya ingayakha phi indlu yayo?
- Igusha inempumlo enye. Zeziphi ezinye izinto ezifumaneka zinganye egusheni?
- Indlulamthi ingadinga ntoni endlwini yayo? Sesiphi isilwanyana esinemilenze emi-2 kuphela ebalini?



## Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala

- Buza umntwana wakho ukuba sesiphi esona silwanyana asithandayo ebalini nize nithethe ngokuba sihlala phi eso silwanyana.
- Khuthaza umntwana wakho ukuba azobe eso silwanyana sisendlwini yaso.




## Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela

- Cela umntwana wakho ukuba ajonge ebusweni bakho okanye ajonge ubuso bakhe esipilini. Yithi: *Zeziphi izinto esinazo ezinganye okanye ezingambini ebusweni bethu (nasemizimbeni yethu)?* Umzekelo: impumlo enye, amehlo amabini, njl.
- Khuthaza umntwana wakho abize amagama amalungu angalulanga emva kwalawo alula. Umzekelo: iintshiyi okanye iingqiniba.



## Usuku lwesi-4 Imidlalo

Dlalani umdlalo wemoto yomdyarho kunye. Khangelani ibhodi yemidlalo nilandele imiyalelo.




## Usuku lwesi-5 Iimilo, oonobumba namanani


- Jongani ithempleyithi yenani. Nikanani amathuba okubumba inani ngeminwe yenu emgangathweni, emoyeni, ezandleni zenu, kwimiqolo yenu, edongeni okanye esikhondweni somthi. Ungakwazi ukubumba inani ngozwane lwakho?
- Yenzani lo msebenzi kwithempleyithi yenani.



## IRekhodi yemisebenzi

Khumbuza umntwana wakho afake umbala enkwenkwezini akugqiba umsebenzi ngamnye.





## Yonke imihla, khumbula:

- Ukubala xa uqhwaba izandla okanye nqakraza kude kube ka-5.
- Culani iingoma zokubala nicengceleze neevesi zabantwana zokubala.
- Thethani ngento enilungiselela ukuyenza. Umzekelo: *NgomGqibelo siza ....*
- Ncoma ukhuthaze umntwana wakho rhoqho. Yakha ukuzithemba komntwana wakho ngokusebenzisa amazwi afana nala: *Ndiyakuthanda ukuchitha ixesha nawe.* OKANYE *Uphantse wayichana!*



# Nganye nganye

**Ibali elifundwa ngokuvakalayo**

Ngenye imini uNksk Eno, utitshala, wathi, “Bantwana, sidinga ukwakha izindlu zefama yezilwanyana zethu ukuze zikhuseleke futhi zibe kwindawo ecocekileyo”.

“Siya kwenza njalo” watsho uNeo noKuti. “Siyazithanda izilwanyana!” Ngoko ke baqale ngokucinga ngokwenzela izilwanyana izindlu ngokusebenzisa iibloko neebhokisi. “Jonga izilwanyana zethu, kukho esinye kuphela kuhlobo oluthile,” utshilo uNeo. “Ewe,” utshilo uKuti, “kanti isilwanyana ngasinye sahlukile. Asinakuzidibanisa zonke kunye endlwini enye. Khawucinge xa sinokudibanisa ingonyama negusha!”

“Wowu,” ukhuzile uNeo, “Ngokuqinisekileyo ingonyama ingayitya igusha! Kanti xa sinokudibanisa indlulamthi nenkuku! Indlulamthi ayinakukwazi ukubona phandle ngefestile. Futhi akakho ofuna ukulala endlwini enye nengwenya! Ezinye zingaba sisidlo sayo sasebusuku!”

“Oko kuthetha ukuba sifanele ukwakha indlu yesilwanyana ngasinye. Enye indlu yeyendlulamthi enye. Enye indlu yeyengonyama enye. Enye indlu yeyehagu enye, njl,” utshilo uKuti.

Ngoko ke uNeo noKuti baqalise ngokwakha. Bakhe ezona zindlu zintle besebenzisa iibhloko neebhokisi. Kuye abanye abantwana ukuze babone. “Ngumsebenzi onzima kakhulu lo,” utshilo uNeo. “Kunjalo,” utshilo uKuti. “Masicule ingoma yokusikhuthaza.”



*Sakha izindlu zethu nganye nganye*
*nganye nganye*
*nganye nganye*
*sakha izindlu zethu nganye nganye*
*ziza kuvuya izilwanyana.*

Bakugqiba, izilwanyana zize nganye ngaye zize kubona izindlu zazo ezintsha. “Intle,” yatsho indlulamthi, “Ndibona phandle ngeefestile zam. Akukho mfuneko yokugoba ndide ndenzakale entanyeni yam. Ndiyabulela Neo noKuti.”


“Le iya kuhlala iyeyona ndlu igqibeleleyo,” itshilo ihagu. “Ndingenza imfumba yokungcola kodwa kungabikho mntu ondicela ukuba mandiqoqoshe. Ndiyabulela Neo noKuti.”

“Ndiyayithanda,” yatsho igusha, “Ngoku andisayi kuzikhathaza ngeengonyama. Ndiyabulela Neo noKuti.”

Yingwenya kuphela eyayingonwabanga. “Ukuba sinye kuphela isilwanyana esisendlwini yam,” itshilo, “Kuza kufuneka ukuba mandiphume ndiye kuzingela isidlo sasebusuku sam.” UNeo noKuti basuka bancuma.


*Yonwabela ukufaka imibala ezilwanyaneni.*





redink

**Umdlalo womdyarho weemoto:** Umdlali ngamnye unesixhobo sokubala (umzekelo: isiciko sebhotile/ingqalutye) esiza kuba "yimoto yomdyarho" yakhe. Abadlali banikana amathuba okuqengqa idayisi basuse elo nani leebhloko kumgaqo womdyarho. Ophumeleleyo kudingeka ukuba afikele nqo kwibloko yeflegi, ngoko ke, xa beneebhloko ezi-3 ezishiyekileyo baze baphose isi-5 kwidayisi, baya kubala ezintathu ukuya ekupheleni bajike babale ezi-4, ezi-5 emgaqweni. Abadlali baqhuba ngokunikana amathuba ade omnye wabadlali alahlele inani elichanekileyo eliza kufikela kwiflegi ekupheleni komgaqo.





Wordworks

# Iveki yesi-4

## Usuku loku-1 Ixesha lamabali: Ibali loMfanekiso omkhulu (Evenkileni)

Jongani umfanekiso ngenyameko uze ucele umntwana wakho akuxelele akubonayo. Emva koko buza le mibuzo:

- Kwenzeka ntoni emfanekisweni?
- Wakhe waya evenkileni efana nale? Zinto zini onokuzithenga kule venkile?
- Uyasifumana isangqa?
- Bala iiayisikhrimu/izonkana ezihlohliweyo/iitroli/iibhasikithi.
- Bangaphi abantwana/abantu abakhulu/oomama/amadoda/izinja ezisevenkileni?
- Ikhona into oyibonayo evenkileni enenani kuyo? Lithini elo nani?
- Bakhona oonobumba obabonayo emfanekisweni?





## Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala

- Yenza uluhlu lwezinto eziza kuthengwa nomntwana wakho. Thethani ngezinto eninqwenela ukuzithenga xa nisiya ezivenkileni. Khuthaza umntwana wakho ukuba azobe umfanekiso wento nganye.
- Ungawabhala amagama ecaleni komfanekiso ngamnye okanye cela umntwana wakho ukuba azibhalele nokuba ubhala ngokurhoqoza.




## Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela

- Cela umntwana wakho ukuba alijonge ngenyameko ibali lomfanekiso omkhulu aze afumane oku: umakhulu om-1, amakhwenkwe ama-2, izonka ezihlohliweyo ezi-3, ama-apile ama-4 neeayisikhrimu ezi-5.
- Khangela ukuba ungakwazi na ukufumana amanye amaqela ezinto ezi-2, amaqela ezinto ezi-3 ukuya kumaqela ezinto ezi-4 ukuya kwawezinto ezi-5.



## Usuku lwesi-4 Imidlalo

- Yenza ivenkile yokudlala nomntwana wakho.
- Qokelela iibhokisi, iipakethi neetoti eziza kuphinda zisetyenziswe okanye sika ukhuphe imifanekiso ekwiphepha elinezinto ezithengiswayo.
- Sika uze ukhuphe imali eziinkozo kwithempleyithi. Ncamathisela ukhozo lwemali olusephepheni kwinto nganye eza kuphinda isetyenziswe okanye emfanekisweni.
- Yonwabelani ukuthenga!



## Usuku lwesi-5 Iimilo, oonobumba namanani

- Jonga ithempleyithi kanobumba. Cela umntwana wakho ukuba azame ukukopa unobumba weentshukumo ezinkulu okanye asebenzise umzimba wakhe.
- Angazoba oonobumba ngomnwe wakhe okanye ngoluthi esantini. Angaxhuma-xhuma elandela imilo ayenzileyo.
  Mxelele isandi esenziwa ngunobumba umcele ukuba asibize eso sandi ngelixa bebumba unobumba.
- Yenza umsebenzi kwithempleyithi kanobumba.



## IRekhodi yemisebenzi

Khumbuza umntwana wakho afake umbala enkwenkwezini akugqiba umsebenzi ngamnye.




## Yonke imihla, khumbula:

- Ukubala iziqhamo okanye imifuno (ukufikelela ku-5) xa nithenga. Thetha ngento eniyithengayo uze ucele umntwana wakho ukuba azise ama-apile ama-2, ilofu yesonka, njl.
- Culani iingoma zokubala nicengceleze neevesi zabantwana zokubala.
- Mncome umkhuthaze rhoqo umntwana wakho. Yakha ukuzithemba komntwana wakho ngokusebenzisa amazwi afana nala: *Ndiyakubona ukuba usebenza ngokuzimisela.* OKANYE *Wena uyinkwenkwezi!*

# Iveki yesi-5

## Usuku loku-1 — Ixesha lamabali: Incwadi encinci (Iphi ikati yam?)



Songani iincwadi ezincinci nomntwana wakho nibuke imifanekiso kunye.
Nantsi eminye yemibuzo onokuyibuza phambi kokufunda iincwadi ezincinci:

- Ubona ntoni? Kwenzeka ntoni kule mifanekiso?
- Uyabona apho izimele khona ikati? Ukuba ninayo ikati, thethani ngexesha eyayizifihle endaweni ethile.
- Ucinga ukuba ikati izifihleleni?
- Ikati ingazifihla phi kwikhaya lethu? Ucinga ukuba ingazifihla phi?


## Usuku lwesi-2 — Ukuzoba nokubhala

- Khuthaza umntwana wakho azobe umfanekiso wekati ezimele kwindawo ethile.
- Ncedisa umntwana wakho ngokuthetha ngendlela ebukeka ngayo ikati: inomzimba, intloko, umsila, amabhovu, neendlebe ezi-2 ezitsolo.
- Buza umntwana wakho ukuba angathanda na ukuba umbhalele isivakalisi ngomfanekiso wekati yakhe.





## Usuku lwesi-3 — Ukujonga nokumamela

- Khangela ithempleyithi yekati ucele umntwana wakho ukuba ayifake imibala. Emva koko, dlalani “uSimon uthi”. Umzekelo: *USimon uthi beleka ikati, yibeke entloko, phantsi konyawo lwakho, ecaleni kweTV, emva kwesofa.*
- Chazela umntwana wakho ukuba awenze umyalelo kuphela xa usithi *uSimon uthi*. Nika umntwana ithuba lokunika imiyalelo.



## Usuku lwesi-4 — Imidlalo

- Seka imidlalo yesithintelo esithile, umzekelo: iplanga lixabe ezitulweni ezi-2, etafileni, kwibhokisi yekhadibhodi.
- Nika imiyalelo yokuba umntwana wakho akhwele ngaphezulu, aphume ngaphantsi alijikeleze ngokuhamba, ahlale phezu kwalo.
- Khuthaza umntwana wakho achaze iintshukumo azenza emdlalweni wesithintelo.



## Usuku lwesi-5 — Iimilo, oonobumba namanani


- Jonga ithempleyithi kanobumba. Cela umntwana wakho ukuba azame ukukopa imilo eneentshukumo ezinkulu okanye ngokusebenzisa umzimba wabo.
- Ncedisa umntwana wakho akhe unobumba ngokusebenzisa amagqabi, izinti, iziciko zeebhotile okanye intlama yokudlala.



## IRekhodi yemisebenzi

Khumbuza umntwana wakho afake umbala enkwenkwezini akugqiba umsebenzi ngamnye.





## Yonke imihla, khumbula:



- Jonga egumbini uze ubuze umntwana wakho: *Yintoni engaphantsi/ngaphezulu/phakathi/ ngasemva/ngaphambili/ecaleni lokuthile? Iphi ...?*
- Nika imiyalelo, umzekelo: mcele alande izihlangu zakhe phantsi kwetafile, njl.
- Culani iingoma zokubala nicengceleze neevesi zabantwana zokubala.
- Mncome umkhuthaze umntwana wakho rhoqo. Yakha ukuzithemba komntwana wakho ngokusebenzisa amazwi afana nala: *Ujongisisa/umamela ngenyameko kakhulu.* OKANYE *Ndiyalonwabela ixesha elibalulekileyo lethu lokuba kunye nawe.*

# Iveki yesi-6

## Usuku loku-1 Ixesha lamabali: Ibali elifundwa ngokuvakalayo (Abantwana bokuwa – nokuqengqeleka)

Fundela umntwana wakho ibali. Khumbula ukujonga izikhokelo kwipowusta. Emva kokufunda ibali, yonwabela ukubuza le mibuzo:

- Bebesiya phi abantwana? Utitshala uze nantoni?
- Ama-apile afike njani emgangathweni weteksi?
- Kwenzeke ntoni xa iteksi ibijikela ngasekhohlo nangasekunene?
- Yintoni ebangele ukuqengqeleka kwama-apile? Yintoni enye ebiqengqeleka eteksini?
- Ucinga ukuba ngekwenzeke ntoni xa bevula umnyango ukuze abantwana baphume eteksini?
- Abantwana banokwenza ntoni kwixesha elizayo ukuqinisekisa ukuba iziqhamo aziwi ziqengqeleke kuyo yonke indawo?



## Usuku lwesi-2 Ukuzoba nokubhala

- Buza umntwana wakho ukuba yeyiphi eyona ndawo yebali ayithanda kakhulu. Mkhuthaze ukuba azobe eyona ndawo ayithandayo yebali.
- Mcele ukuba akuchazele ngomfanekiso wakhe. Bhala akutshoyo ngomfanekiso wakhe.




## Usuku lwesi-3 Ukujonga nokumamela

- Qokelela izinto ezimbalwa ezisendlwini uzifake esingxobeni. Umzekelo: icephe, ipani, iapile.
- Ungaqala ngokuthi: *Esingxobeni sam ndinento ethile! Yintoni? Nanga amacebiso: Ifumaneka ekhitshini. Utya ngayo. Inesandi u* ***ccccc*** *(icephe).*
- Umntwana wakho angakubuza imibuzo ebancedisa ukuba bafumane impendulo.




## Usuku lwesi-4 Imidlalo

Dlalani umdlalo wealfabhethi kunye. Khangela ibhodi yemidlalo yealfabhethi uze ulandele imiyalelo.



### Yonke imihla, khumbula:

- Khangelani kufuphi kuni izinto ezinemilo yesangqa, unxantathu okanye isikwere. Umzekelo: ipleyiti, isonka esihlohliweyo, itafile, ifestile, uphawu lwendlela.
- Culani iingoma zokubala nicengceleze neevesi zabantwana.
- Mncome umkhuthaze rhoqo umntwana wakho. Yakha ukuzithemba komntwana wakho ngokusebenzisa amazwi afana nala: *Qhuba ngokucinga, qhuba ngokucinga.* OKANYE *Ndiyakubona ukuba uyazama ngenene.*




## Usuku lwesi-5 Iimilo, oonobumba namanani

- Qalani ngokukhangela oonxantathu nezikwere ezikufuphi kuni.
- Jongani ithempleyithi yeemilo ninikane amathuba okwenza isikwere nonxantathu emgangathweni, emoyeni, ezandleni zenu, kwimiqolo yenu, nasedongeni. Ungakwazi ukwenza isikwere okanye unxantathu ngozwane lwakho?
- Yenzani umsebenzi ngethempleyithi yeemilo.



## IRekhodi yemisebenzi

Khumbuza umntwana wakho afake umbala enkwenkwezini akugqiba umsebenzi ngamnye.



# Abantwana bokuwa – nokuqengqeleka

**Ibali elifundwa ngokuvakalayo**

Abantwana besikolo sikaNeo noKuti bebephuma nesikolo sabo ukuya kuSuku loloNwabo. Bathathe isidlo sabo sasemini, iintambo zabo zikagqaphu kunye neebhola zabo. "Kushushu namhlanje bantwana," utshilo uNksk Eno, "ngoko ke sidinga iingxowa zama-apile nezeeorenji ezininzi kakhulu".

"Siza konwaba!" batshilo abantwana. UNksk Eno ufake sonke isidlo sasemini, iintambo zikagqaphu neebhola ngasemva eteksini. Ubeke iingxowa zama-apile nezeeorenji esitulweni ecaleni kukaKuti noBobo. "Gcinani ezi ngxowa bantwana, nincede nizijonge zingawi," watsho. UNksk Eno waya esitulweni esiphambili eteksini baze banduluka!

Umqhubi weteksi waqhuba enyuka esihla ezitratweni ejika ngeekona, esingise kuSuku loloNwabo. Wajikela ngasekhohlo, waphinda wajikela ngasekunene, nanko ejikela ngasekhohlo kwakhona eyijija ekoneni egobeke kakhulu.
Wophu! Iingxowa zama-apile zawa esitulweni. Yagqabhuka ingxowa onke ama-apile aqengqeleka emgangathweni. Aqengqelekela emva naphambili, phezulu naphantsi eteksini. Kwakukho ama-apile kuwo wonke umgangatho weteksi. "Yimani!" wakhwaza uKuti, "ama-apile aphumile engxoweni yawo!" Kodwa uNksk Eno nomqhubi babencokola. Zange bamve uKuti.



Umqhubi weteksi waphinda wajikela ekunene kwenye ikona egobeke kakhulu, kweli xesha kwawa ingxowa yeeorenji esitulweni. Yagqabhuka ingxowa zapoqela emgangathweni zonke iiorenji.

Zaqengqelekela emva naphambili phezulu naphantsi emgangathweni weteksi. Ngoku umgangatho weteksi wawuzele ngama-apile KUNYE neeorenji. "Yimani! wakhwaza uBobo, "ama-apile neeorenji ayephumile ezingxoweni! Nango eqengqeleka onke emgangathweni!"


Kodwa uNksk Eno nomqhubi babesancokola. Zange bamve uBobo. Ayemaninzi kangangoko ama-apile neeorenji eqengqelekela kuyo yonke indawo kuloo teksi! Bakufika kuSuku loloNwabo, uNksk Eno ujonge umqhubi wathi, "Nkosi yam, baphi abantwana bam? Jonga mqhubi, ndicinga ukuba bonke bajike baba ngama-apile neeorenji eziwa - ziqengqeleke!"

redink (cc)

**Umdlalo wealfabhethi:** Cela umntwana wakho ukuba ajonge kwibhodi yealfabhethi ze akuxelele ukuba ingaba bakhona na oonobumba ababonayo abafumaneka kwigama lakhe.

Cela umntwana wakho aphose into yokubala kwibhodi yealfabhethi.

Mbuze: *"Ingaba (into yakho yokubala) iwele kuwuphi umfanekiso? Ewe, iwele ku...baleka? Eli gama liqala ngo **b**. Masimbize kunye: **b**...**b**...**b**...**b**...**baleka**."* Mcele ajonge imilebe yakho umntwana ngelixa nibiza I sandi. Phinda usibize isandi uze ucele umntwana wakho aphinde asibize kwakhona: **b**...**b**...**b**...**b**...**baleka**. Mbuze: *"Yeyiphi enye into eqala ngesandi u **b**? Ubisi, ibala, ubusi! Ewe!"*






Wordworks

# IRekhodi yemisebenzi

Titshala endimthandayo

Nantsi irekhodi yokufunda kwethu kunye. Sinqwenela ukukwazisa ukuba: ______________________________

______________________________________________________________

______________________________________________________________

Ukususela: ______________________ *(Mzali nomgcini wabantwana, nceda thetha nomntwana wakho uze ubhale ingxelo yakho ngasentla.)*

| Usuku | 1 Ixesha lamabali | 2 Ukuzoba nokubhala | 3 Ukujonga nokumamela | 4 Imidlalo | 5 Iimilo, oonobumba namanani |
|---|---|---|---|---|---|
| Iveki yoku-1 | 1 | 2 | 3 | 4 | 5 |
| Iveki yesi-2 | 1 | 2 | 3 | 4 | 5 |
| Iveki yesi-3 | 1 | 2 | 3 | 4 | 5 |
| Iveki yesi-4 | 1 | 2 | 3 | 4 | 5 |
| Iveki yesi-5 | 1 | 2 | 3 | 4 | 5 |
| Iveki yesi-6 | 1 | 2 | 3 | 4 | 5 |